# USUKU LOKUHLALA LOKUQALA KWEPALAMENTE YEPHONDO ENTSHA

# UXWEBHU LWEMIBA 1

UPHENGULULO 1, 4 JULAYI 2016

Ukuhlala okokuqala kwePalamente yePhondo emva kolonyulo jikelele kuqhubekeka phantsi kwemigaqo ebekwe yiJaji eyiNtloko. UMgaqo-siseko weRiphabhliki yoMzantsi Afrika, 1966 uthi kufuneka kwenziwe le misebenzi mithathu xa kuhlalwa okokuqala. Eyile:

- Ukufungiswa kwaMalungu;
- Ulonyulo lweNkulumbuso; kunye
- Nolonyulo lukaSomlomo kunye noSekela Somlomo.

AMalungu asenokukhetha phakathi kokuthatha isifungo okanye isingqinisiso esindilisekileyo kwaye akwenze oko ngokwamaqela afika kwisihlanu phambi kweTafile eTsheyimba.

Akuba aMalungu onke ethathe isifungo okanye isingqinisiso, intlanganiso iqhubekeka nolonyulo lweNkulumbuso.

IGosa eloNgameleyo libiza abagqatswa abazakonyulelwa ukuba yiNkulumbuso. Ulonyulo lwenziwa kwifomu elungiselelwe oko, kwaye kufuneka ityikitywe ngaMalungu amabini ePalamente yePhondo kwakunye nalomntu uzakube esonyulwa. Ukuba mnye kuphela umntu owonyuliweyo, IGosa elongameleyo libhengeza ukuba umgqatswa lowo wonyulwe ngokufanelekileyo.

Ukuba abagqatswa bangaphezulu kunesinye, kuthatyathwa ivoti eyimfihlo, yeLungu ngalinye elikhoyo livote kanye. Emva kokuvota iGosa eloNgameleyo lazisa igama lomgqatswa ophumeleleyo.

Kwalo mgaqo mnye ulawula ulonyulo lweNkulumbuso, usetyenziswa kulonyulo lukaSomlomo. Kwakuba kwanyuliwe, abagqatswa abaphumeleleyo bathatha isihlalo njengoSomlomo, ze abonakalise ubulumko kweli wonga alinikiweyo.

Ukuba uSekela Somlomo wanyulwe, kwale migaqo minye iye isetyenziswe kodwa ke ibe nguSomlomo owongamela ulonyulo.